UMvuzo noMfukamo ngamawele. Banemincili namhlanje lusuku lwabo olukhethekileyo.

Umama uza kubathengela ntoni?





Umama unika amawele iibhokisi ezimbini. uMfukamo uvula ibhokisi.

“Imbande!” uMfukamo akasiqondi esi sipho.

UMvuzo uvula eyakhe ibhokisi abonakale onwabile.

UMfukamo ujonga uMvuzo emangalisekile.

“Jonga apha!” UMvuzo ubonisa uMvuzo ibhola yakhe. UMfukamo akakwazi ukudlala imbande. Ngoku ukhalela ibhola kaMvuzo.





UMvuzo akafuni ukunika uMfukamo ibhola yakhe. Uyasithanda isipho sebhola yakhe. UMvuzo ubeka ibhola athathe imbande ayidlale.

UMfukamo uthathe ibhola wadlala ngayo.

UMvuzo wayoxutha ibhola yakhe.
UMfukamo woxutha imbande yakhe.

Uvuthela imbande. Kuphuma umoya nesandi esibi. UMfukamo uqhubeka evuthela ephinda-phinda kodwa kusaphuma umoya.





UMfukamo ubuza ekhathazekile. “Yophukile na le mbande?”

UMvuzo uthatha imbande ayidlale. Kuphuma isandi somculo omnandi.

Hayi, ayophukanga!

UMfukamo ufuna ukufunda ukudlala imbande. Ubukela uMvuzo xa eyidlala.

UMfukamo uthatha imbande azame ukuyidlala.





Uzama ukulinganisa uMvuzo. UMvuzo umbukele.

Ow yhini! Kusaphuma umoya nangoku.

UMvuzo uthatha imbande ambonise idlalwa njani.

Akakwazi ukuyidlala nangoku.

UMfukamo ufikelwa yingcinga emangalisayo. Uboleka uMvuzo imbande ukuba ayidlale. Uvuzo uyidlala kamnandi imbande.

Waqwalasela wambukela ngelixa eyidlalayo. Ekugqibeleni, uMfukamo uza kufunda idlalwa njani imbande.





UMfukamo ufunda ukudlala imbande. Ufunda ukuyidlala emini nasebusuku.

Ow usizana olinguMfukamo, luyakuze lukwazi kodwa ukudlala!

Akakakwazi ukudlala imbande nangoku.

Suka wasitsho isikhalo esibuhlungu uMfukamo.

UMvuzo wamthuthuzela wamnika ibhola yakhe.Wayengayifuni ibhola.





UMfukamo ubuyele kwibhokisi yembande wabona iphepha.

“Lelantoni eli phepha?”

Liphepha lemiyalelo yokuba idlalwa njani imbande.

UMfukamo uzama ukudlala imbande ejonge kwiphepha lemiyalelo.  Kuvakala isandi somculo  esimnandi.  UMvuzo ubukele uMfukamo emangalisekile.

Imbande kaMfukamo yayivakala isandi somculo omnandi.





“Jonga, uMfukamo uyakwazi ukudlala imbande!”  UMvuzo uvuyisana noMfukamo.

UMfukamo noMvuzo badlala kunye. Elowo edlala ngesipho sakhe.

Babemana bephana amathuba. Omnye adlale ngebhola ngelixa omnye edlala ngembande.

Badlala bobabini bonwabile kuvakala intsholo emnandi.

